Isalathiso: 20210517-3059
Inombolo yefayili: 12/17/11
Imibuzo: G Ismail

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: 0002/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili) kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET* ne-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakootitshala bazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezineemfuno zemfundo ezizodwa

Isihloko: **Isikhokelo esihlaziyiweyo esingosetyenziso lweeselula nezinye izixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa**

1. Ukunika inkxaso ukuphuculwa kwenkqubo ye-*eLearning*, iSebe leMfundo leNtshona Koloni libonelela ngesikhokelo esihlaziyiweyo esingosetyenziso lweeselula nezinye izixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa. Olu xwebhu lwesikhokelo lujolise ekuncediseni izikolo ekubhaleni nasekuphumezeni umgaqo-nkqubo wazo wokusetyenziswa kweeselula nezixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili. (**Makufundwe isiHlomelo A: Isikhokelo esiHlaziyiweyo**)

2. Isikhokelo esihlaziyiweyo simalunga nesikhokelo esipapashwe ngaphambili kwingcaciso emfutshane ye-*DEL* 0005/2018, yomhla we-09 Meyi 2018. Inguqulelo endala ifumaneka ngokusebenzisa le linki ilandelayo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/elearning-guidelines-and-workbooks.

3. Olu xwebhu lwesikhokelo lunenjongo yokunika izikolo esi sikhokelo silandelayo:

3.1 Kukwenza ukuba kubekho ukuqonda nolwazi malunga namanye amathuba amahle aziswa ziiselula nezixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili kootitshala, kubafundi nakubazali kwindawo engqonge isikolo.

3.2 Iinzuzo ezinokubakho kunye neziyingozi ezinxulumene nokuphunyezwa nokusetyenziswa kweeselula nezixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili kwindawo engqonge isikolo.

3.3 Ukubethelela ubungakanani boko kufundwayo nokufikeleleka okuza nokusetyenziswa kweeselula nezixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili ekufundeni.

3.4 Ukunceda izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ekubeni zibhale eyazo imigaqo-nkqubo ukwenzela ukuba zibe nako ukulawula ukusetyenziswa kweeselula kunye nezixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili ezikolweni.

3.5 Ukucacisa ngeengozi zokhuseleko ekusetyenzisweni kweeselula, izixhobo zethekhinoloji no-intanethi nokuncitshiswa kwazo.

3.6 Ukunika inkcazelo ngendima nemisebenzi yesikolo, yootitshala, neyabafundi xa besebenzisa izixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili kwindawo engqonge isikolo.

4. Ukuba unayo nayiphi na imibuzo, kucelwa uqhagamshelane nomcebisi ngeze-*eLearning* wesithili sakho kule linki ilandelayo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/elearning/elearning-contact-your-elearning-advisor.

5. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2021-05-19